



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LE 9

NOVEMBA 2014

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO IPHEPHA LESI 3**

AMANQAKU: 60

IXESHA: 1 iyure



Olu viwo lunamaphepha ama – 6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMABINI:
ICANDELO A: ISINCOKO
ICANDELO B: ITEKISI ZONXIBELELWANO
2. Fundisisa YONKE imibuzo kakuhle.
3. Cinga, uqike phambi kokuba ubhale.
4. Phendula YONKE imibuzo ngesiXhosa.
5. Sebenzisa amagama amkelekileyo olwimi xa uphendula.
6. Bhala ngokucacileyo, nangokucocekileyo.
7. Nombola imibuzo yakho kanye ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

ICANDELO A**UMBUZO 1**

Kwizincoko ezilandelayo khetha sibe sinye ubhale ngaso. Ubude baso mabube phakathi kwamagama angama 210–250 (leyo yimihlathi emi-4–8.)

- 1.1 Inkululeko kweli lizwe lase Mzantsi Afrika ixhanyulwa/yenzelwe abantwana kuphela, abantu abadala ibabeka ecaleni. Xoxa ngesi sihloko, kutheni ucinga ngolo hlobo nje? Xhasa ngezinto okanye iziganeko ezibangela ukuba uqiniseke ngalomba. [40]

OKANYE

- 1.2 Xa ndinokuba nguMongameli weli lizwe lethu. Chaza izinto onokuthi uzenze ezinokuthi zikhulise/zonyuse isimo sezempilo, sezemali, ezemisebenzi nezinye ke. [40]

OKANYE

- 1.3 IQHAWE LAMAQHAWE!! Camngca/nika izimvo zakho ngokubaluleka kweli qhawe ulikhethileyo uxele negama lalo. Caphula kwiziganeko elidlule kuzo okanye ezenzekileyo ebomini balo ukutyebisa uluvo lwakho. [40]

OKANYE

- 1.4 Kumfanekiso owunikiweyo yenza/bhala isincoko esibalisayo ubalisa ngesiganeko esibuhlungu esithe senzeka kwinyanga kaDisemba 2013. Siqale ekuguleni kwakhe, ubalule ukuxhwithana/ukuxabana kosapho lwakhe, ukubhubha kwakhe ukuya kumngcwabo wakhe, zonke izinto ezithe senzeka ngokulandelana kwazo. [40]




Yenza Isikhokelo imephu yengqondo esizakuthi sikuncede ekwenzeni imihlathi. Esi sincoko siphe isihloko esisifaneleyo.

[40]

AMANQANKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: IITEKISI EZIYIMIHLATHI (EZONXIBELELWANO)**UMBUZO 2**

Khetha uhlobo oluNYE kwezi ndidi zonxibelelwano ukuze ubhale ngalo.
Malube namagama ali-90–100 ubude (eyimihlathi emi -4–8)


2.1 ISIBHENGEZO

Buka umfanekiso owunikiweyo ukuze wenze isibhengezo ngawo. Nazi izinto ofanele uzithabathele ingqalelo isikhokelo oko kutsho:

- Siphe isihloko esitsala umdla.
- Imihlathi yenze ibe nezihlokwana ezibanga umdla.
- Amagama asetyenzisiweyo mawalobe abo kufuneka belotywe.
- Mayinconywe ukuze bazive benqwena.
- Indlela yokubhala okanye ifonti mayithi ndijonge kwaye ufunde.

[20]**OKANYE**

2.2 UMYOLELO



Bhala umyolelo njengomnini lifa wabele abantwana bakho ababini abangamakhwenkwe kunye nomama wabo.

[20]

OKANYE

2.3 UNGENISO KWIDAYARI

Yenza ungeniso kwidayari ubhala ngezinto ofuna ukuzingenisa gabalala. khumbula imigaqo elandelwayo xa kusenziwa olu ngeniso.

[20]

AMANQAKU ECANDELO B: 20
AMANQAKU EWONKE: 60

